



ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA 8

UHLOLO OLUSESIKWENI

EYENKANGA 2024

IYYURE : 2

Umbuzo 1: Isicatshulwa (20)

Umbuzo 2: Itekisi ebonwayo (10)

Umbuzo 3: Isishwankathelo (10)

Umbuzo 4: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (20)

Amanqaku Ewonke {60}

Eli phepha linamaphepha asi - 7

UMBUZO 1**ISICATSHULWA**

Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:



Umhla: 28 EyeDwarha 2024

Ibhalwe ngu: Pedro Mapelo

AmaBhokobhoko ziintshatsheli zehlabathi ityeli lesine!!!



AmaBhokobhoko azibhale ngokutsha iincwadi zembali namhlanje, ngokuphumelela iNdebe yeHlabathi isihlandlo sesine. Oku kwenzeka emva kokuba uMzantsi Afrika ubethe iintshaba zawo, iNew Zealand, emdlalweni wokugqibela wetumente yehlabathi obubanjelwe eStade de France, eParis, namhlanje ebusuku. Zisuka nje kwisigaba sokuqala, kuye kwabonakala ukuba kudibene oomanqanqa emdlalweni wombhoxo. Umdlalo utake iintlantsi zisuka. Njengoko bekulindelekile, iNew Zealand ibiyilawula ibhola – kodwa uMzantsi Afrika, obukhokelwa nguSiya Kolisi, uvale onke amazibuko.

Emva kokwenza iimpazamo, amabhokobhoko athe chu ngokuyohlwaya iNew Zealand ngepenalithi eqatyeliswe nguHandre Pollard kwisigaba sokuqala somdlalo. Khange ziyihambele kakuhle izinto iNew Zealand ngoba idlale ingaphelelanga emva kokuba umdlali wayo enikwe ikhadi elibomvu. Kuyiwe ekhefini uMzantsi Afrika unkqenqeza phambili ngo 12 - 6. Ngelo xesha belikhona ithuba lokuba uMzantsi Afrika uzame, ulale emgceni, uvale mba.

Akubanga njalo ngoba abadlali beNew Zealand balwe ngamandla. Bakwazile ukubhaqa amanqaku ambalwa bade badibanisa ishumi elinanye. Abakwazanga abadlali beNew Zealand ukuqabela ngaphaya koMzantsi Afrika ngoba baphose amapenalithi aliqela aphantse ayenza ingxaki. Kufanele uzingombe isifuba uMzantsi Afrika ngoba wenze umsebenzi omhle kakhulu, ngakumbi emva kokulahlekelwa nguBongi Mbonambi emizuzwini yokuqala ngenxa yokonzakala.

Ngoku uSiya Kolisi ngumdlali omnyama wokuqala futhi ngumdlali wombhoxo wokuqala ophakamise iNdebe yeHlabathi izihlandlo ezibini zilandelelana. Kwelinye icala, uJacques Nienaber uhamba eyifumene indebe emva kokuthatha indawo kaRassie Erasmus owaphumelela indebe kwitumente eyayiseJapan ngonyaka ka2019. Kulindeleke ukuba uMongameli Cyril Ramaphosa abhengeze usuku lwangeCawe njengeholide eMzantsi Afrika njengoko ebethembisile.

Phendula le mibuzo ilandelayo;

1. Ingaba eli nqaku licatshulwe kweliphi iphephandaba? (1)
2. Libhalwe ngubani eli nqaku?. (1)
3. Yenzeka phi le nto ekuthethwa ngayo kweli nqaku? (1)
4. Ngawaphi la maqela abe ekhuphisana? (2)
5. Umbhali uthetha ukuthini xa esithi uMzantsi Afrika uvale onke amazibuko.? (2)
6. Ungathi ibingumdlalo onjani lo wala maqela mabini. Xhasa impedulo. (3)
7. Thelekisa umahluko / okwenzekileyo phakathi komdlalo weqela loMzantsi Afrika nelo laseNew Zealand (4)
8. Bhala phantsi isichasi seli gama, "uvale." (1)

9. Phawula ngokunzulu ngamahla ndinyuka alo mdlalo kwiqela loMzantsi Afrika aye enza ukuba eli qela liphumelele. (3)


10. Ufunde ntoni kweli nqaku? (2)

Amanqaku [20]

Umbuzo 2

ITEKISI EBONWAYO

Jonga umfanekiso uphendule imibuzo elandelayo.



1. Bhala phantsi isihloko sale grafu ingasentla. (1)

2. Chaza imidlalo emibini kwimidlalo ebhalwe kule grafu ingasentla. (2)

3. Le grafu ingasentla inxulumene njani nesicatshulwa esikumbuzo wokuqala. (2)

4. Ingaba wena unalo unxulumano nale midlalo yale grafu ingasentla? Cacisa. (3)

5. Nguwuphi owona mdlalo udlalwa ngabafana abambalwa kakhulu? (1)

6. Nguwuphi owona mdlalo odlalwa ngamantombi amaninzi? (1)

Amanqaku [10]

Umbuzo 3

Isishwankathelo

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze wenze isishwankathelo esimalunga namagama angama 60-70.

- Qaphela oku kulandelayo
- Bhala ngawakho amazwi
- Yenza izivakalisi zibe sixhenxe okanye ubhale umhlathi
- Nika inani elichanekileyo lamagama
- Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo

UDUMO

Eli gama lithi 'ukuduma' lithetha ukwaziwa ngabantu abaninzi kwiindawo zonke, ezikude nezikufutshane, ngenxa yesizathu esithile. Zininzi ke ezi zizathu zinokumenza umntu adume. Nangona umntu esenokwaziwa ngezinto ezimbi, eli gama selivame ukusetyenziswa xa kubhekiswa ekwaziweni ngezinto ezintle.

Eli gama lithi "udumo" lizalana kakhulu neli lithi "umdumo", kuba kaloku xa into iduma, eso sandi isenzayo sifikelela nasezindlebeni zabakude. Isenzo esihle siyafana nomdumo osandi sawo sitsiba iinduli siye kuvakala nakwabangaphaya kwazo.

Ukuba nodumo ke yinto enkulu kakhulu nelangazelelwa ngumntu wonke. Kangokubaluleka kwalo udumo thina maXhosa side sithiye abantwana bethu ngalo. Kukho ooDumile, Dumalisile, ooDumaphi, ooDumezweni, ooNdumiso, ooZodumo, ooDumisa, ooDumisani, ooLudumo nooDumakude. La magama zizipili zeminqweno yabazali ngabantwana abo okanye zizibongwana ezikhumbuza ngezinto ezithile.

Lidabi elishushu kakhulu eli lokuzamana nodumo. Lidabi elintlantlumbini. Ngelinye ixesha liliwa ngumntu ngamnye esilwela ukuba azifumanele udumo yedwa. Kanti ngelinye liliwa liqela okanye amaqela abantu. Ingaba ngabantwana besikolo okanye abafundisi-ntsapho bezamela ukuba isikolo sabo saziwe phi naphi. Ingaba ngamaqela emidlalo nawo ezamela olwawo udumo. Ingaba yimibutho ngemibutho yabemi beendawo ngeendawo.

Udumo lomntu omnye okanye olwabantu abaninzi luphathela udumo indawo leyo abahlala kuyo. Iba yinto enkulu kakhulu kubemi bendawo xa

indawo yabo isaziwa ngabantu beendawo ezikude. Ngesi sizathu ke uya kuva kusithiwa emntwini, “Uze ungasiphoxi. Sikhuphe wena nje sikhuphe owokugqibela.”

Ngokufutshane ulangazelelo lokufuna ubalaselo lwenza abantu babe banye basebenzisane kwaye bathandane ababinalo ithuba lokubukulana Kule mihla abemi beendawo ngeendawo bade babile besoma bezama ukuba iindawo zabo zibe nodumo. Kwiidolophu ezininzi kukho imibutho esekwayo ngoomasipala ngeenjongo zokunyusa amagama ayo. Eminye imibutho kule mibutho isekwa ngabemi kuba nje beneqhayiya ngendawo yabo, befuna ukuba iqaqambe phakathi kwezinye. Kukho iimali ezinkulu ezichithwayo ukunika ezi dolophu udumo.

Amanqaku (10)

Umbuzo 4

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

Phinda uqwalasele esi sicutshulwa sombuza 3 uze uphendule imibuzo elandelayo.

Imibuzo

1. Chonga **isichazi kwesi sivakalisi** wakugqiba uchaze **nodidi** lwaso. (2)

Ukuba nodumo ke yinto enkulu kakhulu nelangazelelwa ngumntu wonke.

2. Bhala phantsi **iqhalo** elithetha ngomntu. (2)

3. Bhala **isithethantonye segama**, ‘ulangazelelo.’ (1)

4. Chonga isibizo esimbaxa esibhalwe kumhlathi wesine usibhale phantsi. (1)

5. Guqula esi sivakalisi sibe **kwingxelo-ntetho**.

Umbhali uthi, “Lidabi elishushu kakhulu eli lokuzamana nodumo.” (2)

6. Guqula esi sivakalisi sibe **kwixesha elidlulileyo**. (2)

Sikhupha wena kuba siyakuthemba kakhulu.

7. Chaza isakhi ngasinye esibhalwe ngqindilili kwesi sibizo? (2)

Abantwana.

8. Chonga **intloko, isivisa nenjongosenzi** kwesi sivakalisi silandelayo.

Abantu bakhangela udumo ngalo lonke ixesha. (3)

9. Guqula isivakalisi esilandelayo sibe **kwixesha elizayo**.

Udumo luyabakhulisa abanye abantu. (2)

9. Chaza ukuba igama ngalinye elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi lisisiphi

isigaba sentetho.

10. **Nangona** umntu esenokwaziwa ngezinto ezimbi, **eli** gama selivame **ukusetyenziswa** xa kubhekiswa ekwaziweni ngezinto ezintle. (3)

Amanqaku [20]

AMANQAKU EWONKE [60]